



Province of the
EASTERN CAPE
SPORT, RECREATION,
ARTS & CULTURE

IVOTI 14
Intetho
Yomgaqonkqubo
2024/25



A United, Active and Winning Province Through Sport, Recreation, Arts, Culture & Heritage

UKWANDLALWA KWENTETHO YEVOTI YE14 NGUMPHATHISWA WEZEMIDLALO, ULONWABO, UBUGCISA NENKCUBEKO, OBEKEKILEYO S NGONGO 2024-2025

Somlomo

Sekela Somlomo obekekileyo

INkulubaphathiswa yePhondo leMpuma Koloni, iKhaya leeNgqwele

Amalungu abekekileyo eBhunga lesiGqeba saseMpuma Koloni

Amalungu abekekileyo ale Ndlu

Abameli bazo zonke beziNtlu zonke zoLuntu esisebenzisana nazo

Amalungu oLuntu lezoZakuzo

Ababekileyo, ooSodolophu

UbuNkokheli beMveli,

Amalungu amaQela ezeNkolo,

lindwendwe ezibalulekileyo

Amalungu amajelo ezeNdaba

Manene namanenekazi

INTSHAYELELO

Somlomo obekekileyo, ndenza intetho yomgaqonkqubo nje emva kweveki apho bekuwongwa umbhali ophume izandla, nomdlali wodumo weqonga, uGqirhalwazi John Kani, uwongwe ngelona wonga likhulu laseBrithane elaziwa njengeOrder of the British Empire (OBE) ngoHloniphekileyo, uKumkani uCharles III. Eli wonga leOrder of the British Empire lelona wonga likhulu neliveleleyo loBumkani bamaBrithane, libuka abantu abenze imisebenzi etyhulu nabathe ngokuthekileyo banikeza ngeenkonzo ezingenasiphako kuquka ezobugcisa. Ukuhlonitshwa kukaGqirhalwazi Kani kuthetha lukhulu ekuzinikeleni kwakhe kwishishini loyilo nobugcisa beqonga. Bayambanga njengotat'omkhulu wesizwe, thina apha ePhondweni simbanga ngokuba ngunyana waseGqeberha, iPoni yaseNew Brighton kwaye sikwajonge kwakhona uba siphinde sibe naye ephondweni xa siza kube sisingathe umnyhadala weencwadi ngeyeDwarha.

Ukwandlalwa kwale ntetho yomgaonkqubo kuphawula ngokufanelekileyo ukuphela kwexesha lokulawula le6 likarhulumente, elibonelela ngomxholo obanzi wokunika ingxelo ngokuphunyezwa kwezicwangciso zethu.

Ekuqaleni kweli xesha ngonyaka wama2019 sanikwa igunya elicacileyo **lokuqinisekisa ukukhula okuzinzileyo kwecandelo lezemidlalo nelokuyila** kwakunye **nokukhuthaza nokugcinwa** kwenkcubeko nelifa lemveli loMzantsi Afrika.

INkulubaphathiswa yethu ebekekileyo, uMnu Lubabalo Oscar Mabuyane naye uhlabe ikhwelo kuthi njengesebe **lokomeleza umanyano nentsebenziswano yoluntu nokuqinisekisa ukwakhiwa nomanyano lwesizwe.**

Somlomo obekekileyo, iSebe liqinisekisa kwakhona ukuzibophelela kwalo ekufezekiseni uluntu olumanyeneyo ngokwentlalo ngokuhambelana neSicwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP) sama2030.

Somlomo obekekileyo, eli xesha lolawulo lokugqibela lahlukile xa lithelekiswa namanye amaxesha ngenxa yemingeni kwezempilo zehlabathi kunye neemeko zoqoqosho. Kule minyaka mihlanu idlulileyo, ubhubhane weKhovithi-19 ube nefuthe elinzulu nelixananazileyo kuluntu, kwezoqoqosho, kunye nabantu kwihlabathi liphela.

Amacandelo ezemidlalo, ezolonwabo, ezobugcisa nenkcubeko aye aphakathi kwalawo achaphazeleka kakhulu ngenxa yemigaqo yokungena ekuhlaleni kunye nokuvalwa kweendibano. Ngenxa yoko, kwafuneka silungelelanise izicwangciso zethu, size nezicwangciso zokuphuhlisa iindlela zokunceda uluntu, ukuxhasa icandelo. Sikwazile ukuxhasa abaxhamli abangama384, kubandakanywa amagqala neenqwele ezizaphilayo, ukusuka kwiR7.7 yezigidi ezabelwe icandelo loyilo; kunye nabaxhamli abangama234 abasuka kwiR4.6 eyabelwe icandelo lezemidlalo nolonwabo.

Ivoti yoHlahlo lwabiwomali yeSebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko kulo nyaka iza ngexesha thina njengesizwe sibhiyozela iminyaka engamashumi amathathu yedemokhrasi.

Lo nyaka ukwaphawula isikhumbuzo **seminyaka engamashumi amathandathu yokubulawa kwiNtolongo yoMbindi yasePitoli** kukaVuyisile Mini, uZinakile Mkaba kunye noWilson Khayingo. La yayingamalungu amathathu okuqala oMkhosi kaKhongolose ukuba abulawe ngurhulumente wocalucalulo ngowe1964.

Kulo nyaka, sikwakhumbula:

- **Iminyaka eli190 yokuqala kweMfazwe yeNkcaso yesi6 yokuchasa, ekwabizwa ngokuba yiMfazwe kaHintsa**
- **iminyaka engama205 yedabi lase-Egazini,**
- **kunye nekhulu leminyaka lokuzalwa kukaRobert Mangaliso Sobukwe.**

Ezi ziganeko ziyimbali zisinika ithuba lokubhiyozela ilifa elahlukileyo kunye nelifa lemveli legugu leMpuma Koloni.

Sikwabhiyozela **neminyaka eli18 ukususela ekusekweni kweSebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko eMpuma Koloni.**

Namhlanje sihlange kwikomkhulu elihle leKhaya leeNgqwele, eBhisho, ukukhumbula amaxesha adlulileyo kunye nokucwangcisa ikamva labantwana bethu.

Somlomo, kwiinkcubeko nezithethe ezahlukeneyo zephondo lethu, iminyaka engama30 yedemokhrasi imele umzuzu wokuzihlola: *Sizibuze singobani, senzani, siyaphi, sifuna ntoni, silelikhaya leengqwele?*

Ukusukela ekusekweni kweSebe, senze inkqubela ebonakalayo ekusekeni isiseko somanyano loluntu kunye nokwakhiwa koluntu olubandakanyayo ngemidlalo, ulonwabo, ubugcisa nenkcubeko. Iinzuzo ezenziwe kwiminyaka engama30 yedemokhrasi kunye nokusekwa kwesebe ziquka, kodwa zingaphelelanga apha:

- Uphuhliso loluntu ngemigaqonkqubo yedemokhrasi nebandakanyayo kwezemidlalo, ulonwabo, ubugcisa, kunye neenkubeko zoluntu lwethu.
- Ukusebenzisana namanye amasebe namaziko karhulumente, sikwazile ukwakha nokuhlaziya iziseko ezingundoqo zoluntu ezifanelekileyo kunye nezinto eziluncedo ukuze kuxhamle uluntu oluhlelekileyo. Oku sikwenze ngokusebenzisana namanye amasebe karhulumente kunye namaqurhu karhulumente.
- Siphumeze iinkqubo zenguqu eziqinisekise ukubandakanywa kwabasetyhini, abantwana, abantu abakhubazekileyo kunye nolutsha kwezemidlalo, ulonwabo, ubugcisa kunye nemisebenzi yenkcubeko.
- Siseke amaziko edemokhrasi athe asinceda ukuba siphumeze uxanduva lwethu lowisomthetho kunye nesigunyaziso senguqu njengexalenye karhulumente kweli Khaya leeNgqwele.
- Siphinde senza imitsi ebalulekileyo ekuqhubeleni phambili isigunyaziso esingundoqo seSebe sokwakhiwa kwesizwe ukuze kuphunyezwe umanyano loluntu kwisizwe sethu somnyama.

Ngenene, Somlomo, obu bungqina bulapha phezulu bubonisa imitsi ebalulekileyo esiyenzileyo kwaye siyaqinisekisa sizinikela ekuqhubekeni kulo mzila.

Somlomo, mandithathe eli thuba ukuba ndazise isizwe ngomsebenzi wethu wesebe omalunga noku:

1. UKUPHUHLISWA NOKUKHUTHAZWE KOSHISHINO ELINGEMICIMBI YOYILO NEZENKCUBEKO

Ekuqaleni kwale themu yokusebenza, ngesiCwangciso seNgcebo sama2020-2025, senze isiqinisekiso sokutyala kwiimveliso zenkcubeko nezoyilo njengento ebalulekileyo njengomncedisi ekuzinziseni uphuhliso lwempumelelo yephondo. Senze isigqibo sokutshintsha indima yesebe ekubeni ngumboneleli ngamathuba okuqala nawentsusa kwezenkcubeko, ubugcisa nezamagugu namafa kodwa ngoku ibe ngumboneleli ngamathuba amakhulu nokuncedisa kumaphulo aqalwe naqhutywa luluntu.

Sizinikele ukungqala kubunkokheli nobutshantliziyo ukuqinisekisa ukuba uyilo luyaphuhliswa kwaye luyakhuliswa ngokuphuhliswa kweentsebenziswano eziza kuqinisa ukubonelelwa kweenkqubo zobugcisa, inkcubeko namagugu namafa. Siza kuphinda siqinise ukuzinikela kwethu ukuveza amathuba kumagcisa ethu asekuhlaleni ngokwenza iminyhadala koomasipala abohlukeneyo, ngokwenza njalo sibe sikhulisa uqoqosho lweendawo zethu.

Somlomo obekekileyo! Sinehlombe ukuchaza ukuba yilento le esiyenzileyo. Ukuza kuthi ga ngoku, isebe lisebenzisene namashishini amancinane naphakathi iSMME's, amagcisa noluntu ukwenza lamaphulo alandelayo:

- IiMbasa zonyaka zamagugu namfa ezaziwa njengeAnnual EC Provincial Heritage Awards (eMonti)
- Umnyhadala woMculo kaMasikandi (kwaBhaca)
- Umnyhadala woLutsha wobuGcisa weSondela (eMalitswai).

1.1 KuPhuhliso lweFilimu – Somlomo obekekileyo, iSebe, ngearhente yalo, **iBhunga lezoBugcisa neNkcubeko lePhondo leMpuma Koloni** (ECPACC) libe negalelo ekukhuthazeni ukukhula koshishino lweefilimu lwasekuhlaleni. Malunga nefilimu, umyalelo ngowukuguqula nenkxaso yophuhliso, ejonge ekuncediseni abantu bethu bakwazi ukubalisa amabali abo ngokwabo. Kwiminyaka emihlanu **egqithileyo sixhase iifilimu ezingama36** ngemalinkxaso. Le nkxaso iquka imidlalwana ebalisa ngobomi babantu neefilimu ezimfutshane, ezifana neyeqhawekazi neqhawe **uMadosini noBen Nomoyi**. Ibilixesha elide sinentloko eqaqambayo ngokungabikho kweemveliso zaseMpuma Koloni ezikumabonakude wesizwe, yilonto siye saxhasa umdlalo kamabonakude oyimpumelelo wesiXhosa, **uGqeberha The Empire**.

IGqeberha The Empire ime njengomzekelo oqaqambileyo wokuba nakho kwemveliso kamabonakude ukuqhuba ukukhula koqoqosho, ukukhuthaza ilifa lenkcubeko, kunye nokuxhobisa uluntu lwasekuhlaleni. Kwimveliso yalo mdlalo yokuqala nje kuphela, ngaphaya kwezigidi ezili16 eziye

zangena kuqoqosho lwasekuhlaleni. Amaqithiqithi ezoqoqosho eze ngenxa yotyalomali kulo mdlalo anabele nakwezinye imarike.

Njengoko lomdlalo kamabonakude luqala kwisizini yalo yesibini, luqinisekisa indawo yeMpuma Koloni njengeziko elidlamkileyo neliguqukayo lezobugcisa nenkcubeko eMzantsi Afrika.

Isizini entsha iza netalente entsha, abadlali abanamava kunye nezitudiyo zefilimu ezitsha eGqeberha, eyenye yezona zibalaseleyo kweli lizwe, ezithembisa ukuthatha imveliso iye phezulu.

Kulo nyakamali siza kuxhasa amalinge efilimu afana noSiziwe kunye neengxelo zebhayografi ezifana namaqhawe ethu asaphilayo ezaziwa, ezifana nePride, iCanvas, kunye nellifa Lomboko. La ngamalinge akwinqanaba lokuba asasazwe ngoku, kwaye siceba ukuwasa kumabonakude, kanye njengoGqeberha The Empire.

Somlomo obekekileyo, **njengenxenywe kwiNkqubo zoLwazi lweMveli (IKS)** nokwakhiwa kobuchule kwikhrafti, ngequmrhu lethu lakwaECPACC sisebenza neCSIR, siye sangena nzulu kucweyo lokufundisa amagcisa ethu asakhulayo ukuba akwazi ukwenza uyilo olwenziwa kubuxhakaxhaka beli xesha bekhompyutha. Ngaphezulu, siphinde sancedisisa amagcisa ethu ekhrafti ukuba akwazi ukuthengisa imisebenzi yabo ngendlela edijithali ngokwalamaxesha. Sikwaqhuba nokwenza **uphando olunzulu ngolwazi lwemveli** njengendlela yokuphucula nokuxhasa amagcisa ethu akwazi ukuba negalelo kuqoqosho ephondweni.

Sisiya phambili, **umthetho olawula uECPACC uyahlaziywa** ukuze sinike eli qumrhu umyalelo omtsha, oza kuquka ukuxhasa amagcisa ethu kumaqonga ezonxibelelwano ukuze bakwazi ukuhambisa base iimveliso zabo kumakhaya onke ephondo.

1.2 KuBugcisa beQonga nobuBonakalayo – Siqaphela ukubaluleka kobugcisa beqonga, ngakumbi umculo njengenxalenye efana namatye anqabileyo enkcubeko yephondo. Sikholelwa ukuba amagcisa kufuneka abe phambili ekufundiseni imbali yethu njengababalisi bamabali abaphambili. Ngentsebenziswano neMandela Bay Theatre Complex, iSebe

liza kuphinda liphumeze **uhlelo lwesithathu lweNkqubo yokuGqwesa eMculweni yeMpuma Koloni eyaziwa** njengeMEAPEC, apho amaziko okurekhoda asibhozo (8) ephondo aza kuthi axhaswe, nezintandathu (6) esele zizinzile ziza kufumana amaR300 000 kwaye ezimbini (2) ezisakhulayo zifumana iR150 000 inye.

Ugxilo nogxininiso kulo nyaka luya kubekwa kwabasetyhini, njengoko sikholelwa ukuba kuninzi okunokwenziwa kwisithuba sophuhliso lwabasetyhini kubugcisa. Kulapho iipokotho zokugqwesa malunga nomculo ziya kuphakanyiswa, ziqaqanjiswe, kwaye zithengiswe ukuze zisasazwe. Ngaphambili, amagcisa afana nooBetusile, ooMsaki, kunye namanye amaqela asakhulayo eMaskhandi axhamle ngokuthe ngqo kule nkqubo.

ISebe lifake izixhobo zobugcisa sesandi nezokubukwa (audio-visual) eGuild Theatre eziza kunceda amagcisa ekurekhodeni nasekuhleleni umsebenzi wawo wobugcisa ukuze asetyenziswe kubaphulaphuli abakwi-intanethi. Kwimveliso yasemva kwemveliso, isebe liya kusebenzisana nezitudiyo zasekhaya ezifana neLegends Studios, ukuqinisekisa ukuba lonke ixabiso lemveliso liyafezekiswa. Ngoku, amagcisa afana noDumza Maswana axhamla ngokuthe ngqo kolu tyalomali ngokurekhodwa kwedijithali kweemveliso zawo kwiGuild Theatre.

Kulo nyakamali, siceba ukufaka inkxaso-mali eyongezelelekileyo ekuxhaseni ubugcisa obubonakalayo, kunye nokudala amaqonga amatsha amagcisa ukuba abonise ubugcisa bawo kwiigalari ezilindelekileyo. Sikwaceba ukwazisa umboniso wenkcubeko oza kudala amathuba amatsha kunye neemarike ezintsha zamagcisa ethu.

Kuluntu lwethu, inguqu iyaqhubeka, iqhutywa kukuzinikela ekubonakalisweni kobugcisa kunye nophuhliso lweshishini loyilo. Ngowama2023, iSebe landise inkxaso kwiinkqubo zobugcisa ngokongezwa kwamaziko amane obugcisa ngenyathelo le-Imbumba Yamakhosikazi akoMkhulu. Amaziko asanda kusekwa **aseNqadu Great place, Mngqesha, Steve Biko, kunye neBlack Power Station**

eMakhanda. Kulo nyaka kwakhona, sijonge ukwandisa inkxaso yethu kumaziko obugcisa asixhenxe (7) awongezelelweyo ngenkqubo yokucebisa, apho amaziko akhoyo aya kwamkela amaphulo obugcisa asuka kwiindawo ezikude apho kungekho maziko obugcisa. Eli nyathelo lijonge ukuvala umsantsa phakathi kwedolophu kunye nomda wophuhliso.

Ikhrafti kunye noYilo – Somlomo, sineentlobo ezimbini zefashoni kunye nabayili bempahla. Ezinye ziveliswa ngamaqumrhu oluntu angakufundelanga ngokusesikweni oko nalawo akufundeleyo, ngelixa ezinye ziyimveliso yamaziko emfundo noqeqesho asesikweni.

IMpuma Koloni ivelisa abayili abaqeqeshiweyo abasuka kwiyunivesithi nakwiikholeji. Ukusukela ngo2014 oku kuye kwandiswa liZiko leFashoni elaziwa ngeDesign Innovation Centre (FDIC) eMthatha. Ngeli nyathelo, eli candelo livelise imathiriyeli ngelixa lisenza uyilo lwefashoni kunye nelaphu lufikeleleke kuluntu lwasemaphandleni ngokudala amathuba emisebenzi. Kukho amaqithiqithi ezoqoqosho avela kushishino lwenkcubeko kunye noyilo (CCI) oluyinxalenye yoyilo lwefashoni. Ngokophando olwenziwa yiSouth African Cultural Observatory (SACO) kwisithuba sowama2016 ukuya kowama2023 iCCI inikele nge6% kwingqesho kunye ne7,5% yesabelo lwengeniso yoQoqosho iGDP yephondo. Oku kuthetha ke ngoko ukuba ubugcisa kunye noyilo sisixhobo esibalulekileyo ekulweni intswelangqesho kwiphondo.

Kulo nyakamali sicela ukuba nithunge, nenze bonke ubumbejembeje obubonisa izakhono ezinokwenza nephondo lethu. Singathanda ukubona iimveliso neemveliso ezininzi ezibonisa iMpuma Koloni emarikeneni.

1.3 Ishishini lokuPapasha – Njengenxalenye yeenzame zethu eziqhubekayo zokuxhasa ababhali kwiphondo, sibeka izicwangciso zokuqinisekisa ukuba iincwadi ezipapashwa ngababhali bethu zixhaswa nkalo zonke, ukususela kwimibhalongqangi ukuya kutsho kwishelufu yeencwadi. Somlomo obekekileyo, sijonge ukuxhobisa ababhali bethu ngokubafaka kwiinkqubo zophuphiso ezahlukeneyo.

Njengendlela yokunyusa nokuveza ababhali bethu, kunyakamali wama2023/4, siye sabamba uMboniso weeNcwadi waseMpuma Koloni, owadala iqonga lokuba ababhali bethu banxibelelane nababhali abaphume izandla ooNjingalwazi uZakes Mda noNcedile Saule Phakathi kwabanye.

IMpuma Koloni ngumthombo esibonelela ngawo eli lizwe ngababhali abadumileyo, kwaye siza kube simisa zonke iindawo ukuqinisekisa ukuba sibuyisela eli phondo kuzuko lwalo lwangaphambili. Apha singakhankanya amaqhawe afana nooMqhayi, ooJabavu. Kule nyanga yooMama, ndingakhankanya uNoni Jabavu, uPhylis Ntantala, uNontsizi Mqgwetho. Oku kuqinisekisa ukuzibophelela kwethu ekuxhaseni ababhali bethu. Sibhalele kuni babhali!

Somlomo oBekekileyo, siyaqhubeka nokujolisa ngokukodwa kumaqhawe oluncwadi athe anegalelo kuphuhliso lolwimi kuzo zonke iilwimi. Ngokunjalo, kulo nyaka, siza kube sibhiyozela igalelo elenziwe liqhawe lolwimi uNjingalwazi uPeter Mtuze opapashe iincwadi ezingaphezu kwamashumi amathathu eziquka uNomsa nolzibongo phakathi kwezinye. UMtuze uchithe ubomi bakhe enegalelo kuphuhliso lwesiXhosa kwaye ke ngoko kufanelekile ukuba kubhiyozelwe imisebenzi yakhe ngoku. Esaphila.

Iilwimi – Somlomo oBekekileyo, isebe linikwe uxanduva lokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kweli phondo njengoko likhokelwa nguMthetho wokuSetyenziswa kweeLwimi eziseMthethweni eMpuma Koloni wama2016 kunye noMimiselo weeLwimi eziseMthethweni eMpuma Koloni eyaphunyezwa ngowama2020.

Ukukhuthaza **ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kugxilwe ngokukodwa kwiilwimi zesintu akuthethi nje ngolwimi, kodwa kuthetha ngokuzazi kwabantu, ukuba bangoobani kunye nendlela abahluthwa ngayo ubuni babo yinkqubo yocalucalulo.** Ukuze kubuyiselwe isidima esilahlekileyo, kufuneka siqale ngolwimi olu lwabo, kwakunye nenkubeko nemvelaphi yabo. Yiyo lonto siqeqesha abantu

abalishumi kungingqi yaseSarah Baartman naseNelson Mandela Bay ngolwimi lwesiNama, olu lolunye lweelwimi zesiKhoe nesiSan.

Le nkqubo, esisebenzisana neBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika iPanSALB, kunye neSebe leMfundo iza kubona ulwimi lwesiNama lusetyenziswa ezikolweni.

Somlomo, ndiyazingca ukwazisa ukuba ndime apha nje lentetho ibhalwe ngesiXhosa nangesingesi kwaye loomaxwebhu ayafumaneka kubo bonke abantu abalapha kulendlu ibekekileyo.

Malungu abekileyo, kulonyaka umiyo sizakuthathela ingqalelo nangakumbi ulwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika nanjengoko uMongameli ethe walutyikitya njengolwimi lorhulumento olusemthethweni. Siza kusingatha amaphulo okwazisa nokufundisa uluntu ngolwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika. Sizimisele ukuqala ngamasebe anga karhulumente kweliphondo lethu. Sisebenzisa neOfisi yeNkulubaphathiswa ukuqinisekisa ukuba akukho sebe likarhulumente lisilelayo ngokuthi lisingathe imisitho kungekho zitoliki zolulwimi.

Siyaqhubeka nokwenza amanyathelo okuqinisekisa ukuba onke amasebe aseka amacandelo eelwimi ekufuneka abeke isiseko sokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiphondo. Sifuna ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uziva eyinxalenye yaloMzantsi Afrika ugqiba iminyaka emashumi **amathathu wakhululekayo.**

Siza kusebenzisana namaziko emfundo ephakamileyo ukuqinisekisa ukuba siqeqesha amagosa karhulumente ekuguquleni, ukutolika nophuhliso lwezichazimagama. Oku kungaphezulu kweminye imisebenzi esienzayo neBhodi yeeLwimi iPanSALB.

2. UKUGUQULWA KWAMAFU NAMAGUGU NGOKWEMBONAKALO YOMHLABA

linkonzo zeMithombo yeLifa leMveli – Ilifa lemveli libalulekile kwinguqu yoluntu. linkonzo ezinxulumene nayo azidli ngokuba nefuthe elikhawulezileyo kuluntu njengoko ubukhulu becala zingaphatheki. linzame ziya kwenziwa ukuhlenganisa iimveliso zethu zelifa lemveli ngenjongo yokuphuhlisa ezi zibe ziimveliso zokhenketho, ngaloo ndlela kudalwe amathuba okuba ilifa lemveli elingaphathekiyo libe luncedo kwezoqoqosho kwiphondo lethu.

Ukuboleka ingoma kaThandiswa Mazwai’ *ethi Nizilibele ukuba nizalwa ngoobani* ukugxininisa le ngongoma. Ucula kamnandi esithi:

“Ihlabathi liyatshintsha, abavukeli bayafa
Kwaye abantwana bayalibala
Imeko eyaziwa njengeghetto luthando lwethu lokuqala
Kwaye amaphupha ethu azele yigolide
Asilili nokulila
Ngayo ngoku
Ingaba ezintle zifile ngokwenene.”

Kungelifa lemveli apho sinokuqinisekisa ukuba asiwalibali amaqhawe namaqhawekazi azale ubunyani bethu bangoku benkululeko, hleze sibuzwe “Nizilibele ukuba nizalwa ngoobani”.

Somlomo obekekileyo, mhlawumbi kufuneka ndikhumbuze iNdlu ukuba siyinzala kaDawid Stuurman, ooLangalibalele, ooMhlontlo, ooSarhili, ooMhala, ooPhatho, ooXhoxho, ooStokwe, ooNonibe kunye nooNonesi. Masikhumbule ukuba sizalwa ngamaqhawekazi namaqhawe amela ubuntu bethu kungelula, kumyezo wezilwanyana uMqikela, ooDalindyebo, ooMadiba, ooXhamela, into zooSisulu nooBiko, ooTshonyane into kaHani.

Sithetha ngamadoda amakhulu afana noSobukwe nabafazi bemibhinqo ephezulu, abafana noMama uMaxeke kunye noMama’uNomzamo

Madikizela-Mandela, ooSarah Baartman, ooVictoria Mxenge. Ke basadi batshwarang tipa kabohaling.

2.1 Izikhumbuzo zeeNtsuku eziBalulekileyo zeSizwe – ISebe ngenkqubo yeentsuku zesizwe liza kubhiyozela iminyaka engama30 yenkululeko nedemokhrasi ukomeleza ubuthandazwe. Iintsuku ezimiselwe amaziko ziya kuqhubeka zisetyenziswa njengamaqonga okukhuthaza ukwakhiwa kwesizwe, uxolelwaniso, umanyano, iinkcubeko ngeenkubeko, nokukhuthaza umanyano loluntu.

Ezi ntsuku zikwasetyenziswa njengamaqonga okusungula amaphulo karhulumente afana nalawo okuhlaselwa kwabantu basemzini abemi baseAfrika, kunye nobudlova kumanina nabantwana iGBVF.

Kule minyaka mihlanu idlulileyo, iSebe lichithe malunga nezigidi ezisi8 zeerandi, lisebenzisa ama30 epesenti yohlahlo lwabiwomali olwabelwe ezi ntsuku kwiiprojekthi zelifa lemveli ukuxhobisa uluntu lwasekuhlaleni ingakumbi ulutsha, abasetyhini, kunye nabantu abakhubazekileyo ukuphucula izakhono zabo namandla abo kuphuhliso kunye nokukhuthazwa kwamashishini enkubeko.

Ngokubhekiselele koku, amalinge elifa lenkcubeko asekelwe kuluntu koomasipala abohlukeneyo afumene izixhobo kunye nezibonelelo ngexabiso leR250 000 ngosuku olujongene nenkqubo eyenziwayo ngelo xesha. Abathathinxaxheba abafana neRobert Sobukwe Trust, kunye nokubulalwa kwabantu eBhisho, nobhubhane owaziwa njengeUitenhage Massacre, neBulhoek Massacre, kunye noJohn Knox Bokwe Foundations bonke baxhamle kwinkxaso ebonelelwe liSebe ngeeprojekthi zelifa.

Ukuqhubela phambili, kugxilwe ekuhlanganiseni nasekuphembeleleni uluntu olumbalwa ukuba luzimase kwaye luthathe inxaxheba ngokubonakalayo kwezi nkqubo njengoko lungakhange lusebenze njengoko singathanda ukuba lube njalo.

2.2 Ukumiselwa kwaMagama eeNdawo njengendlela yokulungisa –

Somlomo obekekileyo, idemokhrasi yethu yoMgaqosiseko ifuna ukuba sidibane nabantu, kungoko singurhulumente wabantu ngabantu. Inkqubo yokulungiswa nokubekwa emgangathweni kwamagama eendawo yiprojekthi yokuphelisa ubukolonyali efuna ukubhala kwakhona imbali yethu nokugcina ilifa lethu njengabantu. Yinkqubo esekwe kwinkqubo yedemokhrasi kwaye ikhokelwa yimigaqo yedemokhrasi.

IMpuma Koloni iphambili kwamanye amaphondo malunga nokuphunyezwa kwale nkqubo. Ukuza kuthi ga ngoku, sibambe uthethwano oluninzi noluntu malunga notshintsho lwamagama eendawo okubangele ukuba amagama ali164 abekwe emgangathweni kweli phondo, aquka iGqeberha, iKariega, iMakhanda, iQonce, iKomani, iMaletswai, iKing Phalo kunye nesikhululo somoya iChief Dawid Stuurman, kwaye kutsha nje, iNqweba.

Le nkqubo iqalisiwe ukulungelelanisa iGraaff-Reinet eza kuthiywa ngokutsha ibe yiRobert Mangaliso Sobukwe. Ngowama-2024/25, iidolophu ezisendleleni eza kuba namagama amatsha ziquka iMonti, iAberdeen neColchester, ukukhankanya ambalwa.

2.3 Ukukhutshwa kwesidumbu engcwabeni, ukuBuyiselwa kwamanye amazwe kunye nokungcwatywa kwakhona – Kule minyaka idlulileyo urhulumente uye wakhupha, wabuyisela ekhaya, kwaye wangcwaba amaqhawe amaninzi kunye namaqhawekazi aseMpuma Koloni. Aba ngabantu abafa bekhusele umhlaba wethu yaye besilwela inkululeko yethu. Siza kuhlala siyikhumbula indima negalelo likaYiva Voyoyo noZwelibanzi Kwetshube kumzabalazo wenkululeko yethu. Unga umoya wabo ungahlala nathi ngonaphakade.

Somlomo, le yinkqubo enzima kakhulu efuna indlela yabathathinxaxheba abaninzi. Ndingatsho ngokukhuselekileyo ukuba, ngokubhekiselele koku, iSebe lisebenzisana namasebe esizwe jikelele nephondo anoxanduva lobulungisa, amagqala omkhosi kunye nenkcubeko.

ISebe liza kuqhubeka nokunceda iintsapho zamaxhoba ongquzulwano ukuba ziphile kwaye ekugqibeleni zifumane ukuvalwa kwesi sahluko ngokubuyiswa kunye nokungcwatywa kwakhona kwamathambo abo babathandayo. Ukuza kuthi ga ngoku, zimeko zoku ezili 132 esele zenziwe ukususela ngo1999.

2.4 Ukugcinwa nokuphuhlisa kweziseko ezingundoqo

Ngelinge lokulungisa isiseko esidilikayo semyuziyam nokwenza isimo esikhuselekileyo semisebenzi yobugcisa, abasebenzi kunye nabatyeleli kanjaqo, iSebe liqukumbela inkqubo yokuhlaziywa **kweMyuziyam yaseFort Beaufort** (Raymondi Mhlaba LM) kunye ne**Uitenhage Museums Railway Station Satellite** (Nelson Mandela Bay). Okunye, iSebe liza kuthi lenze uphendlo nophononongo lomonakalo kwiziseko **zeMissionary Museum** elicandelwana le Amathole Museum eQonce (BCMM), kunye ne**Sterkstroom Museum** (Chris Hani District) kwaye bafake ingxelo eza kukwazi ukubonisa ixabiso lemali emakubinzwe ngayo ukulungisa wonke umonakalo ukuze lamaziko abuyele kwisimo ayekuso ngaphambili. Ezi myuziyam zingentla ziyinxalenye yamaziko amadala kweli lizwe yilonto iziseko zawo zigugile kwaye zifuna ukulungiswa.

2.5 linkqubo zokwazisa

ISebe lisingathe **uSuku lweHlabathi lweMyuziyam** ngeyoCanzibe 2024, kwaye abafundi abathathu baseAmathole, Alfred Nzo kunye neChris Hani ebebethatha inxaxheba kwaye bagqwesa kukhuphiswano lokubhala isincoko bawelwe ngumqa esandleni wokuba banikwe ithuba lokuya kwaye bathathe inxaxheba **kwiRobben Island Spring Camp kweyoMsintsi 2024**, Abafundi baza kuthi bafumane ukukrotyisa nokunikwa ulwazi neenkukacha kumgangatho wokwenza umsebenzi kwiHlabathi kulondolozondalo nokugcinwa kwezilulutho ngokwamafa. Oku ngokuqinisekileyo kuza kuxhonkxa izakhono zabafundi kwaye kudlengule umdla kwizifundo ngeemyuziyam.

2.6 ULawulo lwamagugu namafa

NgoGunyaziwe wePhondo leMpuma Koloni wamaGugu naMafa (ECPHRA), isebe, lithe apha eminyakeni, lasebenza neBhunga leSizwe lamaGugu naMafa, iYunivesithi yaseFort Hare, neArhente yoMzantsi Afrika

yamaGugu naMafa ukufaka isiphakamiso kwiArhente yeHlabathi yamaGugu naMafa iUNESCO ukuba ibhengeze iiNdawo zoMzila kaNelson Mandela. Oku kuquka indawo yokuhlala kwabafundi yaseUnivesithi yaseFort Hare (ZK Mathews) eseDikeni neNdlu yasebukhosini yaseMqhekezweni, eMthatha zonke ezi ndawo zibhengezwe njengeendawo zamaGugu naMafa eHlabathi. Kwixesha l lama46 lokuhlala kwekomiti yeUNESCO, iindawo ezimbini ziye zabhengezwa njengeeNdawo zamaGugu naMafa zeHlabathi, le yinto iphondo leMpuma Koloni ekufanele lizidle ngayo. Sithanda ukuphawula nokuncoma umsebenzi owenziwe ngabasebenzi abaqeqeshiweyo abakhokelwa liSebe likaZwelonke uDSAC ekwenzeni eli phulo libe yimpumelelo.

Ngaphezulu, iPhondo lifake indawo eyaziwa ngokuba **yiKlasies River Caves Archaeological Site** eseHumansdorp njengendawo eyondwa nekhethekileyo edityaniswa “nokuvela kwendlela yokuzipha komntu”. Isicwangciso ngale ndawo yeyokuba idibane nezinye iindawo ezintathu enye eseNtshona Koloni nenye ekwaZulu Natal esithe zabhengezwa njengeendawo zamaGugu naMafa eHlabathi. Ufundo lokujonga nesicwangciso solawulo sele senziwe kwaye saphuhlisa ukuxhasa eli phulo nesicelo sokuba ezi ndawo zijongwa kowe2025.

IECPHRA nayo ifaka inkxaso kwimpumelelo yolwakhiwo lwephondo ngakumbi kumaphulo aziwa njenge big wind nakwimiba engamaphulo amakhulu nanjengoko bezama ngamandla ukunceda ekukhuliseni nokukhawulezisa ukukhupha izigunyaziso kubaphuhlisa bokwakha ukuze kuphuhle uluntu noqoqosho. Le ibisoloko iyinkalo engumngeni kwixesha elidlulileyo kodwa ukwandiswa kokusebenza kwabantu nokwangeza imithombo yemali kuye kwanceda uIECPHRA ukuphucula indawo zokusebenza ezinobuzaza.

3. UKUKHUTHAZA INKUBEKO YOKUFUNDA NOKUFUNDISEKA UBOMI BONKE BOKUPHILA

3.1 Ukuhanjiswa kwezinto ezisetyenziswa kumathala eencwadi kumathala karhulumente

Somlomo obekekileyo, iinkonzo zamathala eencwadi zingundoqo ekuququzeleleni ukufunda okuqhubekayo kuwo onke amaqela obudala. Kule minyaka, iSebe libonelele **ngenkxaso kubabhali bengingqi** abohlukeneyo, kwaye liza kuqhubeka likwenza oko kulo nyaka uzayo ukuze kuqinisekiswa ukufikelela kulwazi kuluntu. Ukusukela ngowama2021, siye sigqiba ekubeni sisebenzise kwaye sihambise iincwadi eziveliswe apha ekhaya kunye nokusasaza ezi ncwadi kumathala eencwadi ethu oluntu. Siphinde, kunyakamali wama2024/25 sabekela bucala uhlahlo lwabiwomali lwezigidi eziR4.5 ukuze kuthengwe iincwadi.

3.2 Ukusekwa kwamathala eencwadi amancinane

Somlomo, ndiyazingca ngokukhankanya ukuba iThala leeNcwadi loMzantsi Afrika labanobumfama (SALB) lisaqhubeka nokuba ngumxhamli wenkxaso yemali ezizigidi ezi2 zeerandi ngonyaka ukuze abantu abakhubazekileyo bakwazi ukufikelela kumathala eencwadi. Ukuza kuthi ga ngoku amathala eencwadi amancinane angama56 ancenda eli qela lichongiweyo lingasentla asekiwe kwaye abonelelwa ngezixhobo ezibonelela ngezidingo zawo. Kunyakamali wama2024/25, ubuncinane ngamathala eencwadi amancinci amathathu (3) ngaphezulu acetyiweyo. La mathala akhiwe eSakhisizwe (Indwe), Blue Crane (Cookhouse) naseIngquza Hill (Flagstaff).

3.3 Isitudiyo sokuvelisa incwadi emanyelwayo

Sithetha nje sinaso isitudiyo sokuvelisa iincwadi ezimanyelwayo zabasebenzisi abanobumfama. Esi situdiyo siye sasekwa kwiThala leeNcwadi laseMdantsane kwiNqila yesi14.

3.4 Ukuphuhliswa kolwakhiwo nokulondolozwa

Kule minyaka idlulileyo iSebe libonelele ngezibonelelo zamathala eencwadi asibhozo (8) kwaye lichithe malunga neR100 lezigidi kwezi. Kunyakamali ka2024/25, siza kuqhubeka nokwakhiwa kwamathala eencwadi amatsha **kuMasipala weNgingqi waseNtabankulu naseIngquza Hill**.

3.5 Ukunikezelwa kolwakhiwo lobuxhakaxhaka bala maxesha eICT

Kwiinzame zokuvala ulwahlulo kwezedijithali, iSebe kwiminyaka emihlanu libonelele ngokusa ii-intanethi kumathala eencwadi angama217 kwiphondo ngexabiso leR11 lezigidi ngonyaka. Siye sazisa iqonga lee-lending, apho abantu banokufikelela kwiincwadi ngaphandle kokutyelela ngokwasemzimbeni ithala leencwadi. Siye sashenxa kwiinkqubo zezandla ngokufakela inkqubo yokuzenzela yolwazi lwethala leencwadi (SLIMS) kuwo onke amathala eencwadi ethu.

Andikwazi ukuqukumabela ngeenkonzo zamathala eencwadi ngaphandle kokukhankanya ukonakaliswa okubuhlungu nokuqhubekayo, ukuqhekezwa, nobusela obuqhubeka bugqugqisa iziseko ezingundoqo zamathala eencwadi. Ndihlaba ikhwelo kuluntu ukuba luqale ukuba ngabanini bezi zibonelelo kwaye luzikhusele, ukuze kuxhamle izizukulwana zethu ezizayo.

Kule mali enciphayo, iSebe alikwazi ukubuyela umva liphinde lakhe, kodwa linokujonga kuphela ekuphuhliseni olunye uluntu apho kukho imfuneko yezibonelelo zamathala eencwadi.

4. UKUGCINWA NOKULONDOLOZWA KWAMAFU NAMAGUGU

Somlomo obekekileyo! **Ukwenziwa kwedijithali** koovimba bephondo sesinye sezisombululo ezifanelekileyo kwezi nguqu zedijithali ezaziwa njenge4th Industrial Revolution yinto eza kukhusela ulwazi, iinkcukacha nayo yonke irekhodi ekoovimba bephondo. Oku kukwabalulekile ekulawuleni ukugcinwa nokufikelela kwiirekhodi. Ukuguqulwa kweirekhodi

zoovimba bephondo kwiifomathi zedijithali kuya kuqhubeka kunyakamali wama2024/25.

Njengexalenye yoMgaqo-siseko wethu, siyaqhubeka ukunceda amanye amaqumrhu karhulumente ukuba adlulisele iirekhodi zawo koovimba bamaphondo.

Oovimba bephondo banenani elikhulu lengqokelela. Ukuqalisa inkqubo yokufakwa kwedijithali, iSebe libeke phambili iirekhodi ezifunwa rhoqo ngabaphandi bezemfundo kunye noluntu ngokubanzi, ezizezi: iInkosi nooNdlunkulu, ooGunyaziwe beSizwe, iiFayile zeZindlu, iZabelo zoMhlaba, kunye neeNdawo zoRhwebo.

Ukusukela oko iprojekthi yokwenziwa kwedijithali iqalile le migama ilandelayo iphunyeziwe, kubandakanywa ukusekwa kweziko lokufakwa kwedijithali elinezixhobo ezinxulumene nezobuxhakaxhaka beli xesha iICT; ukuqeshwa kwabafundi abasafundayo abali10 abanezakhono zolawulo loovimba neerekhodi; ukuxhotyiswa kwabasebenzi boovimba ngeendibano zocweyo kunye namanyathelo ophuhliso lwezakhono. Ukuza kuthi ga ngoku iibhokisi ezingama36 (iimitha ezi3.6 zemitha zomgca) ezineefayile ezingama744 zifakwe ekhompuyutheni kwaye zigcinelwe izizukulwana.

Ngaphaya koko, iSebe lisebenzise iindlela ezifanayo ekukhetheni iirekhodi eziza kufakwa kwidijithali eNtshona Koloni. Iirekhodi eziza kufakwa ekhompuyutheni ziimitha ezingama45,2 ezilandelelanayo, ezilingana neebhokisi zeerekhodi ezingama452. Ukufakwa kwedijithali kwezi rekhodi kuya kuqala kunyakamali ka2024/2025, kwaye kuqikelelwa ukuba kuthathe iminyaka eli10 nangaphezulu ngenxa yobuntununtunu bengqokelela eyaqala ngeminyaka yoo1800.

Ukufikelela kwiirekhodi ezifakwe ekhompuyutheni kuya kwenziwa kwiwebhusayithi yeSebe yoovimba eya kubonisa apho iirekhodi zigcinwe khona phakathi koovimba abathathu.

5. UKUKHUTHAZWA KOLAWULO OLU LULO NOKUKWAZI UKUTHATHA UXANDUVA NGEZENZO

Ulawulo lweeRekhodi zePhondo – Somlomo! Ukuqinisekisa ukuba iirekhodi zoluntu eziveliswa kuwo onke amaqumrhu karhulumente wephondo zilawulwa ngokufanelekileyo, umgaonkqubo wolawulo lweerekhodi wephondo uye waphunyezwa. Ukuthotyelwa komgaonkqubo kuyavavanywa kwaye apho kufanelekileyo, ungenelelo lunikezelwa kumasebe karhulumente, amaqumrhu karhulumente, noomasipala.

ISEBE lenze imitsi ephawulekayo ekuqinisekiseni ukuba kukho ulwazi ngengqiqo yolawulo lweerekhodi equka ukubandakanywa koluntu olwalufudula lujongelwe phantsi. Kufuneka kugxininiswe ukuba ulawulo lweerekhodi olulambathayo yenye yeenkalo ezinefuthe elibi kwiziphumo zophicothozincwadi ezifunyenwe ngamaqumrhu karhulumente.

6. UKONGEZWA KOMTHAMO WOKUSEBENZA NOKUTHATHA INXAXHEBA KWEMIDLALO NOLONWABO

Inguqu nophuhliso zezona ntsika ziphambili zeajenda yorhulumente waseMpuma Koloni. ISebe lisazibophelele ekukhuthazeni imidlalo nolonwabo njengezixhobo zotshintsho, ezikhoyo kwaye, okona kubaluleke kakhulu, kukuba zifikeleleke kuluntu lwethu.

Namhlanje, ngakumbi, abantu abaselula bathwaxwa ziindlela ezintsha zokuzonwabisa yaye bajamelene nemiqobo eyandayo yokuthatha inxaxheba kwimidlalo nemidlalo yokuzonwabisa. Njengoko uluntu lutshintsha, izinto ezintsha ziyavela, iimbaleki zinqwenela iinguqu ezinkulu, iimveliso ezilungiselelwe bona kunye nemidlalo ebasebenzelayo.

Njengorhulumente, sizibophelele ekugcineni imidlalo nolonwabo zifanelekile kwaye zisebenza, ngeli lixa sixhasa iimbaleki zethu ukuba ziphuhlise ulwazi lwazo lomzimba ukuze ziphile ngendlela efanelekileyo nesempilweni.

Ngaphaya kweminyaka emihlanu (2020/2024), iSebe liye laququzelela ukusekwa kwemibutho yolawulo lwemidlalo yezikolo laza laxhasa izikolo ezingama2662 zekhwantayile yo1-3, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ezinempahla yezemidlalo nezixhobo zokusebenza. Oku kuye kwafuna intathoxaxheba rhoqo, ukondla italente nokugqwesa kwezemidlalo nolonwabo. Oku kukwadale amathuba engqesho kubaququzeleli bezemidlalo ngeSibonelelo seMiqathango yeNkqubo yokuThatha iNxaxheba ngobuninzi (MPP)

Kwiinzame zethu **“zokuqinisa igalelo lezemidlalo nolonwabo kulwakhiwo lwesizwe, ubumbano loluntu kunye nophuhliso lwesizwe”**,isebe liya kuqhubeka nokunikezela nokuxhasa amaphulo oluntu ajolise ekwandiseni uthathonxaxheba ngokuyila okanye ukuxhasa unikezelo lweenkqubo neenkonzo ezibandakanyayo eyenzelwe, kodwa ingaphelelanga apho, abantu abadala, abantu abatsha, abafazi, kunye nabantu abakhubazekileyo.

6.1 UPuhliso lwezeMidlalo

Isebe, lisebenzisana neManyano yezeMidlalo yaseMpuma Koloni [ECSC] kunye nemibutho eyahlukeneyo yezemidlalo, liza kuqhubeka nokuphumeza inkqubo yophuhliso lwamaqela ngokuhlehlengisa nokulola indlela yokukhula kophuhliso lwemidlalo ngokusingathwa kweeligi zasekuhlaleni eziya kufikelela kuvuthondaba, kumanqanaba ahlukeneyo ophuhliso. Oku kujolise ekudaleni ikhonkco phakathi kwemibutho emanyeneyo kunye namaqela, eziya kulinganiswa ngokwandisa inani labantu abatsha kwimidlalo nolonwabo.

Ekwakheni umthamo wokusebenza, isebe **liya kuphuhlisa kwaye liphumeze isicwangciso sokugaya nokugcinwa komlawuli wamavolontiya ukugcina abalawuli abangamavolontiya kwiindawo esihlala kuzo**. Siza kuqhubeka nokunikezela ngenkxaso kunye nezibonelelo zokunceda amaqela ezemidlalo, iindawo zoluntu kunye nezikolo ukukhuthaza nokwakha inkcubeko yezemidlalo eyakhayo.

Imidlalo yabasetyhini – Somlomo obekekileyo, imidlalo yabasetyhini ibone ukwanda okukhulu kweprofayili kule minyaka mihlanu idlulileyo, ixhaswe yimpumelelo yezemidlalo ebalaseleyo kumanqanaba amakhulu (iNdebe yeHlabathi yeBhola yomnyazi). Nangona kunjalo, mninzi umsebenzi ekufuneka wenziwe ukuqinisekisa ukuba ukukhula komdla kuguqulela ekukhuleni okuzinzileyo kwemidlalo yabasetyhini, nokuvalwa komsantsa wokuthatha inxaxheba phakathi kwamadoda nabasetyhini.

Umnqweno wethu akunyanzelekanga ukuba imidlalo yabasetyhini ibe yikopi ngqo yemidlalo yamadoda, kodwa ukuze iphuhlise ngendlela yayo ekhethekileyo, iphenjelelwa zizinto ezahlukeneyo, kunye namathuba awo ahlukeneyo okukhula. Into esifuna ukuyibona yimidlalo yabasetyhini kunye neembaleki zethu zabasetyhini ezimangalisayo zinikwa inkxaso efanelekileyo ukuze zichume, zikhuthazwe kwaye zihlonitshwe. Ngaphandle kwebhola yomnyazi nomdlalo ekuthiwa ngowesoft ball ibhola ethambileyo, ke ngoko njengephondo, sibeke phambili iikhowudi zemidlalo ezine; umbhoxo, amanqindi, iqakamba, nebhola ekhatywayo, esixhasa kuzo zombini kwinqanaba lobuchwephesha nophuhliso.

Isebe liyaqhubekela nokusebenzisana nomasipala kumaphulo abo ahlukeneyo ukuphucula ulwakhiwo lweziseko lezemidlalo. Ulwakhiwo lwezinto zezemidlalo neendawo zokuzonwabisa okwangoku ibikhuphela ngaphandle abantu abakhubazekileyo. Sidinga utyalomali oluninzi malunga noku kuba ulwakhiwo lwakudala kufanele luquke wonke umntu.

Somlomo obekekileyo, impumelelo yenkqubo yezemidlalo yephondo ifuna ukuba amacandelo abumba loo nkqubo kufuneka ngokwawo asebenze kakuhle kwaye asebenze ngokufanelekileyo. iManyano yezeMidlalo yaseMpuma Koloni (ECSC), imibutho emanyeneyo namaqela/amaqela angundoqo kwinkqubo yezemidlalo. Kungala macandelo apho imidlalo inikezelwa kubathathi-nxaxheba boluntu; kwaye iimbaleki namaqela alungele ukumela amaphondo awo kukhuphiswano lwesizwe nehlabathi.

Kunyakamali olandelayo, iManyano yezeMidlalo yaseMpuma Koloni (ECSC) inikwe igunya yokwenz iprofayili yomanyano ngalunye (amalungu

amanyeneyo) ngenjongo yokuphonononga ukufakwa ngqo kwemali kwimibutho emanyeneyo echongiweyo. UManyano lwenzelwe, phakathi kwezinye, ukumisela amanqanaba okwenziwa elubala, iyantlukwano kunye nokubandakanywa, uxanduva lokuphendula kunye nemfezeko efunekayo kwimibutho yezemidlalo efumana inkxasomali karhulumente. Oku kusebenza nakwimibutho okanye kwiinkampani zemisitho ezinikezela ngemisitho emikhulu yezemidlalo ngenkxaso karhulumente.

IMidlalo yaseMaphandleni – Njengenxalenye yophuhliso olubanzi loluntu, iSebe lizibophelele ekulinganiseni nokulungisa izinto ngokudala amathuba alinganayo kwiindawo ezahlukeneyo zeengingqi. Siqaphele ukuba uninzi lwephondo ngamaphandle, kodwa izibonelelo kunye nokuhanjiswa kweziseko zophuhliso kutyekele ekuthandeni imimandla yasezidolophini. Uhlahlo lwabiwomali lonyakamali wama2024/25 ke ngoko luya kufuna ukulungisa oku kungahambi kakuhle.

Imidlalo njengendlela ehambisa uTshintsho loQoqosho lweNtlalo – Uninzi lwabathathinxaxheba kwezemidlalo nolonwabo ngabantu abatsha. Kwaye kwiphondo lethu, abantu abatsha bajongelwa phantsi kakhulu kwaye abaqukwanga ngenxa yokuba bekwiilokishi ezingaphuhliswanga nakwiindawo ezisemaphandleni, kude neendawo zemidlalo kunye nobuchule bezemidlalo ngendlela yabaqeqeshi nabaqeqeshi. Le meko idla ngokukhokelela ekubeni ulutsha lube ngamaxhoba okusetyenziswa gwenxa kotywala neziyobisi, ulwaphulomthetho, ukukhulelwa kolutsha okungacwangciswa, nezinye iingxaki ezininzi kwiindawo esihlala kuzo.

Eli Sebe likuqaphele oku kwaye lifake ungenelelo lokuququzelela iitumente zamaphondo eziza kubona ukuphucuka kwabantu abatsha abathatha inxaxheba kumaqela ezemidlalo nto leyo eya kuthi ifikelele kuvuthondaba kula maqela athatha inxaxheba kolu khuphiswano lwamaphondo.

Somlomo obekekileyo, sikwaqaphele ukugqwesa okukhoyo kwezemidlalo kungoko singenelela kulo mba ukukhuthaza abantu abatsha ukuba bathathe inxaxheba kumalinge ophuhliso lwemidlalo. Kunyakamali wama2023/24, siye sabamba imisitho ebijoliswe ikakhulu kwabasetyhini

nolutsha, kuquka iitumente zamanqindi kunye neU19 kunye neU20 abo ngabangaphantsi kwalo minyaka kuMbhexo wabaseTyhini.

Njengxalenye yokukhuthaza ukugqwesa kwezemidlalo nolonwabo, isebe libambe iimbasa zemidlalo nezolonwabo kulo nyakamali uphelileyo. Kuluvuyo ukuba ndikuxelele Somlomo oBekekileyo kunye noluntu ukuba iiarhente ezingekho phantsi kukarhulumente kunye necandelo labucala basebenzisene neSebe kulo mba ngokunikela ngezatifikethi, iindebe kunye nemoto enikezelwa njengebhaso elikhethekileyo koyena mntu uphumeleleyo kulo nyaka.

6.2 Ezolonwabo

linkqubo zoLonwabo zibalulekile kulwakhiwo lwesizwe, kwaye njengesiseko sothungelwano kunye nonxibelelwano loluntu. Kukwabalulekile ekugcinweni kwempilo entle yomzimba; kunye nentlalontle, njengoko ikhuthaza umsebenzi kwaye inceda ekukhuthazeni impilo yengqondo.

Ngokubhekiselele koku, iSebe liya kuxhasa amathuba emidlalo nolonwabo kwimimandla yolwandle/nemilambo. NgeNkqubo yokuFunda ukuQubha, siza kugxila, phakathi kwezinye, kwezo ndawo zingaphakathi kwiphondo apho abantwana bethu barhaxwa mihla le ngelixa bequbha emadamini nasemilanjani ngenxa yokunqongophala kokuqubha njengesakhono sokuphila. I-Move-4-Health, Learn-to-Swim, kunye neNkqubo yoLonwabo echasene noLwaphulomthetho zezinye zeenkqubo zophuhliso lwezakhono esiza kuziqhuba ngowama2024/25 ekukhuthazeni indlela yokuphila esebenzayo nesempilweni.

6.3 Imidlalo yezikolo

Imidlalo yesikolo sisiseko sophuhliso. Ulutsha oluninzi luthatha inxaxheba kwezemidlalo okokuqala esikolweni. Uninzi lwabadlali bezemidlalo bakhomba besalatha kwimidlalo yesikolo njengesiqalo sokuntingela emajukujukwini kwabo.

Somlomo obekekileyo, ke ngoko, ndivumele ukuba ndinike ingxelo kwiNdlu ukuba izikolo ezingama240 kuzo zonke izithili ezisibhozo (8) zixhotyiswe ngezixhobo nezinxibo zezemidlalo. Abaxhamli bebewizikolo ebezikade zihlelekile, ingakumbi kwizikolo ebezijongelwe phantsi kwikhwintayile yoku1-3.

Isebe belimaxhaphetshu, lizula iphondo kwizithili zosibhozo, linika umlisela nomthinjana izixhobo nezinxibo zokudlala. Liyinene elithi siyaqhuba, asimanga.

Iphondo lithathe inxaxheba kuzwelonke kukhuphiswano lweembaleki, imidlalo yasemanzini, ibhola yomnyazi, iiveki zolutsha lwesizwe, itumente yeHoki yamaphondo kunye neveki yeCraven. Indlela aqhube ngayo amaqela ephondo ibintle ngokufanelekileyo, nto leyo eluphuculo lweminyaka edlulileyo.

Njengexalenye yokubhiyozela iminyaka engama-30 yedemokhrasi, iSebe liza kubamba itumente yombhozo ngoSuku lweMandela yezikolo ebezicalulwe ngokobuhlanga ngaphambili. Izikolo ezithatha inxaxheba ziya kuvela kuzo zonke iimbombo zephondo, kwaye ziya kubandakanya izikolo zasemaphandleni, ezilokishini nezedolophu ukuze kukhuthazwe umanyano loluntu.

ISebe lizibophelele ekwenzeni utshintsho lokungasebenzi kwaye sikholelwa ukuba indlela yentsebenziswano ibambe isitshixo ekwandiseni ifuthe lamathuba akhoyo. Kunyakamali wama2024/25, siza kuphehlelela uthotho lweendlela ezintsha ukunyusa nokuqhuba amanqanaba okusebenza, kwaye sigxile ngakumbi ekubandakanyeni abona bathatha inxaxheba.

Iligi zemidlalo zezikolo neminyhadala zijolise ekwandiseni kakhulu umsebenzi kunye nokuthatha inxaxheba kwezemidlalo ngabantu abatsha kwiindawo zabo (ngexesha lesikolo nangaphandle), kunye negalelo kwimpilontle yengqondo eyakhayo kunye nophuhliso lomntu kunye nezakhono. Izikolo ezikwezi ndawo zolingo ziya kusebenza nababoneleli

bezemidlalo kunye nemibutho yasekuhlaleni ukubeka umnikelo olungelelanisiweyo wezemidlalo, ukhuphiswano, kunye nomsebenzi ezikolweni nangaphandle.

ISebe, **ngenkqubo yalo yokumela nozakuzo**, liya kuchonga lize litsale izikolo (khwantayile 1-3) ezikufutshane; kunye namavolontiya aqhuba iinkqubo ezintsha zoluntu kunye nemisitho exhasa ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo nolonwabo kwinqanaba loluntu. Ezi nkqubo ziya kubandakanya, kodwa zingaphelelanga apho, iiligi/iminyhadala yezikolo ezicwangcisiweyo, iitumente zePasika eziqhutywa luluntu, imidlalo yodelongozi, ukhenketho lwezemidlalo, isisa kunye nemidlalo elungisiweyo, njl.njl.

Ubudlelwane bamazwe ngamazwe – Intsebenziswano iphondo elinayo neLower Saxony iqhubekile nokuvelisa iziqhamo. Abantu abatsha abane (4) abasuka kweli phondo bathunyelwe eJamani ngomsebenzi wokuzithandela woMbhoxo ekuqeqesheni. Iiklinikhi zokuqeqesha ithenisi zaqhutywa ngokugxila kubafundi, abafundisintsapho, kunye nabadlali, nto leyo edala amathuba okuba abaqeqeshi ababini (2) baye eJamani ukuze bafumane ubuchule boqeqesho lwamazwe ngamazwe.

Inkqubo yoTshintshiselwano yoLutsha iphinde yenza ulutsha lwaseJamani olungama16 lundwendwela kwaye lunxibelelana nolutsha lwasekuhlaleni ngenkcubeko eBuffalo City Metro, eSarah Baartman, kuMasipala weSithili saseAmathole kunye noMasipala oMbaxa waseNelson Mandela.

Kulo nyakamali, isebe liza kuthumela abasetyhini ababini abadlala ibhola yombhoxo ukuba bakhe bayo kuhlala unyaka eHanover eLower Saxony. Kunyaka abaza kube behleli apho, esi sibini siza kuba ngabaqeqeshi kumaqela ahlukeneyo ombhoxo alapho. Amalungu amahlanu etrayitholoni aza kuthatha inxaxheba kuKubutshatsheli beHlabathi beTrayitholoni kwaye nabadlali asetyhini angaphantsi kweminyaka eli16 aza kudlala iTumente yeHokhi eLower Saxony.

7. ULAWULO

Somlomo, ukuze urhulumente aphumelele, ulawulo olufanelekileyo kunye nemisebenzi yolawulo ayinakungahoywa.

Ulawulo olucocekileyo – Kuluvuyo ukwazisa iNdlu ukuba sifumene uphicothozincwadi olucocekileyo kwiminyakamali emithathu (3) elandelelanayo. Ngoko ke, le mpumelelo iyaqhubeka ukuba yenye yezinto eziphambili kuthi kunyakamali wama2024/25.

Siza kuqhubeka nokwakha nokuphuhlisa amagosa kunye namavolontiya okuphumeza imigaqonkqubo esebenzayo ngokungenasiphako, ngeli lixa ngaxeshanye siqinisekisa ukuba iSebe kunye namaziko alo anikezela ngeenkonzo ayakwazi ukunikezela ngeenkonzo ezithembekileyo nezikumgangatho ophezulu.

Ngokusebenzisa imigaqo yethu yokuziphatha kunye nesicwangciso sokulwa urhwaphilizo, siya kuxhobisa ngakumbi abemi ukuba bazibandakanye neenkokeli zabo ezivela kwimibutho yamacandelo ahlukeneyo kwaye sibabeke uxanduva. Oku ke, kwenzelwe ukudala imekobume efanelekileyo kutyalomali lwecandelo labucala oluya kuqhuba ukukhula okuzinzileyo nokuqukayo. Siqinisekisa kwakhona UKUNGANYAMEZELANA KWAPHELA njengentetho yethu yesimo sengqondo malunga nezenzo zorhwaphilizo nezobuqhophololo.

ISebe liza kuqhubeka neenkqubo zenguqu ezasungulwa kwiminyakamali edlulileyo ukulungisa izikhewu eziboniweyo ukuze kufikelelwe kulawulo olululo, kubandakanywa amandla wabasetyhini, ulutsha, kunye nabantu abakhubazekileyo.

Ukudalwa kwamathuba emisebenzi kunye nenkxaso kumaqela atyunjiweyo – Intsebenziswano neSETA's kunye nama-candelo abucala iyaqhubeka nokuqinisekisa ukuba njengoko isebe likwazi ukubonelela ulutsha lwaseMpuma Koloni ngamathuba emisebenzi kwinkqubo yophuhliso lolutsha.

Kulo nyakamali, sikwazile ukuqesha abasebenzi benkqubo yeEPWP ali196, kwaye safaka ulutsha olungaphangeliyo obuli149 ngendlela yokufunda umsebenzi, iinkqubo ezihlanganisiweyo zomsebenzi womhlaba zabafundi beTVET kunye nabaphumelele eyunivesithi. Siphinde saqesha abafundi abangama31, abali17 kwaba bafakwe kwicala lobuxhakaxhaka beli iICT, abane(4) bafakwe kunxibelelwano, ababini (2) ngophicothozincwadi lwangaphakathi, abali10 kwiinkonzo zoovimba.

NgeNkqubo yabaYili yoLutsha kunye neNkqubo yamaGcisa kwiZikolo exhaswa ngemali yeSebe lethu likaZwelonke iDSAC, iSebe liqeshe abantu abatsha abangama60 abakumaZiko oBugcisa boLuntu kwakunye nezikolo zephondo.

Ekuxhaseni uphuhliso loqoqosho lwasekhaya, iSebe ligqithise kumiselo lwalo lwama60% lohlahlo lwabiwomali lwempahla neenkonzo zalo, oluchithwe kubaboneleli bengingqi nababoneleli ababhinqileyo abaxhamla kakhulu ngaphezulu kwama75%.

Ihabhu yeDijithali neTekhnoloji – Kulo nyakamali sikuwo, iSebe liza kulinga ngehabhu yedijithali ezama ukukhulisa nokuguqula amaziko emveli/amaziko amathala eencwadi, iimyuziyam, kunye namaziko obugcisa ngokusetyenziswa kobuchwepheshe obahlukeneyo be-4IR, isakhiwo seBhisho Massacre siliziko leyona ndawo iphambili yokulinga.

ISebe liza kusebenzisana neMerSETA ukuqhuba inkqubo yokufunda eyaziwa ngokuba yiMekhatronikhi (Robotics) kwaye isingathe ezinye iinkqubo ezifanelekileyo zezakhono zedijithali zolutsha namanye amahlakani kumacandelo karhulumente nawabucala.

Ukuphuculwa kwamaxesha kunye nokusebenza kweenkqubo zoshishino – Ukusetyenziswa kweICT kuluncedo ekuziseni ukusebenza kakuhle kweenkqubo, ngaloo ndlela kuphuculwe ukungafihli kwecandelo likarhulumente kunye nokuphendula. ISebe likwaqhubele phambili ekusebenziseni iICT ukuphucula eminye yemisebenzi yalo ebisenziwa

ngokwesiko ngesandla ngokuzenzekela kolawulo lokujonga amaxabiso kunye nokubeka iliso kunye neemodyuli zovavanyo kulo nyakamali.

Kunyakamali wama2024/25, iSebe liza kuqukumbela uvimba weenkukacha wamagcisa kunye neembaleki ngokunjalo liqhubeke nokuphucula iinkqubo zoshishino ukudala ukusebenza kakuhle kunye nokukhuthaza unxibelelwano phakathi kweSebe nabachaphazelekayo.

Somlomo omhle, ndiswela amazwi ombulelo kumntu wonke kwisebe, noluntu lwaseMpuma Koloni ngokungazenzisiyo ngoba impumelelo yethu ingenxa yokusebenzisana kwethu.

Somlomo oBekekileyo, ndiyazingca ngokunikezela ngeziCwangciso zokuSebenza zoNyakamali wama2024/25 zeMpuma Koloni kunye neziCwangciso zokuSebenza zeSebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko eMpuma Koloni kunye nelo leBhunga lezoBugcisa neNkcubeko lePhondo leMpuma Koloni (ECPACC) kule Ndlu kunye nabantu bephondo.

8. ISISHWANKATHELO SOHLAHLO LWABIWOMALI 2024/25

Umhlahlo lwabiwomali lethu ku2024/25 yiR1 043 363 (Ibhiliyoni enye)

Inkqubo	Uqikelelo lweBhajethi yexesha eliphakathi R' 000		
	2024/25	2025/26	2026/27
Ulawulo	335 221	331 026	343 516
Imicimbi yeNkcubeko	241 598	248 638	257 093
Iinkonzo zeThala leeNcwadi kunye noLondolozo lweNkcukacha eziBalulekileyo	292 297	320 772	331 373
Imidlalo noLonwabo	174 247	174 057	182 919
Iyonke	1 043 363	1 074 493	1 114 901

9. ELOKUGQIBA

Somlomo obekekileyo, ndazisa kuni iziCwangciso sokuSebenza zoNyaka zika2024/25 zeBhunga lethu likaECPACC nezeSebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko.

Somlomo obekekileyo, ndiyavuya ukukhankanya amaqhawe namaqhawekazi ethu ka2023 kumacandelo ezemidlalo, ezolonwabo, ubugcisa, inkcubeko, kunye nelifa lemveli ngolu hlobo lulandelayo:

- Kwezemidlalo, abadlali aba4 abaphuma kwiqela leentshatsheli zeNdebe yeHlabathi yoMbhozo yeSpringbok ngowama2023 zinzaelwane zokwenene zaseMpuma Koloni kunye neemveliso ezizingcayo zemidlalo yesikolo: uSiyamthanda Kolisi, uLukhanyo Am, uMakazole Mapimpi noJayden Hendricks.
- Kwakhona, uMlawuli woMbhozo uRassie Erasmus, uMncedisi woMqeqeshi uMzwandile Stick, kunye nelineye lamalungu ahlonitshwayo eqela lobugcisa nonguMhlalutyi weNtsebenzo uLindsay Weyer, bonke baphuma kwiKhaya leeNgqwangangqwili
- Kumdlalo wamanqindi singathanda ukuvuyisana nonyana womgquba, uSivenathi “The Special One” Nontshinga ngokudlala kwakhe ekubuyiseleni ubuntshatsheli bakhe bentshinga yeIBF kudidi lwabancinci kudidi lwempukane.
- Sikwavuma uAkhona Makalima, ibhinqa eliselula elongeze ukuba ngusompempe weVAR kwiNdebe yeZizwe zaseAfrika ebibanjelwe eCote d’Ivoire (Ivory Coast) kuluhlu lwempumelelo yephondo. Wathint’abafazi, wathint’imbokodo!
- Umqeqeshi weqela leNdebe yeHlabathi yeQakamba yabaneminyaka engaphantsi kwe19, uMalibongwe Makhetha ngunyana weli phondo.
- Iimbethi manqindi ezili19 kwezingama49 ezithathe inxaxheba kwitumente yamanqindi yabangahlawulelwayo ngowama2023 zikwazile ukuzisa iimbasa kweli phondo.
- URonwen Hayden Williams, ukapteni nonozinti weBafana Bafana ngowaseGqeberha.

- ULuxolo Adams ophumelele iSport Star nokuba yiNdoda ekhethekileyo eMdlalweni yoNyaka kwiiMbasa zePhondo zabo bagqwesileyo.
- IQela elaziwa njengeEastern Cape Sunrisers nalo lisenze saneqhayiya ngokuthi likhusele indebe yeT20 eKapa. Siza kuthethana nequmrhu ukuqinisekisa uba bakhusela lendebe apha kowalo.
- Kwezomculo, sikhahlela imvumi, nomqambi uBetusile Mcinga ngokumela iphondo kwilizwe jikelele nakwihlabathi ngokuthi aphumelele iNgoma yoNyaka kwiiMbasa zeMetro FM neMbasa yeHlabathi yaMadoda yama26 yoMculo oGqwesileyo weGospile zaseTexas, eMelika.
- Nangona kunjalo, kubekho, nangelishwa izithwakumbe ngeli xesha ekuza kufuneka sizikhankanye ezifana, nokusweleka kwamaqhawe enkcubeko afana noGqirhalwazi Latozi Mpahleni Madosini, nomphanga kaBulelwa Mkutukana, owaziwa njengoZahara, nje ukukhankanya abambalwa. Sikwakhahlela siqwalasela iindima abayidlalileyo kwicandelo lezobugcisa nenkcubeko kunye nezamafa namagugu ephondweni.

Ndiyabulela.